Isalathiso: 20190208-1442
Inombolo yefayili : 12/2/8/30/R
Imibuzo: UMququzeleli woPhuhliso lweZikolo

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loCwangciso loLawulo noKuphathwa kwamaZiko: 0002/2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo eziphakamileyo.

Isihloko: Isicelo sokuthatha inxaxheba kukhuphiswano lwezikolo lwesibhozo lonyaka lukazwelonke i-*National Moot Court Competition*

1. Ukhuphiswano lwezikolo lwesibhozo lonyaka lukazwelonke i-*National Schools Moot Court Competition* olwenzelwe abafundi abathe dlundlu (bamaBakala 10-11) eMzantsi Afrika luya kuqhubeka phakathi koJuni noAgasti 2019. Olu khuphiswano lunika ithuba elilodwa kubafundi lokuphuhlisa izakhono zabo zophando, ukubhala nokwenza intetho yomlomo yasesidlangalaleni njengoko besenza iinzame zokuqubisana neminye yemiba ilizwe lethu elijongene nayo echaphazela umgaqo-siseko. Umngeni ochaphazela umgaqo-siseko okanye ukuchazwa kwento emayisonjululwe kuvamise ukuba yinto efana yodwa nevuselela ukucinga (*thought-provoking*). Olu khuphiswano lungumngeni, kodwa lunika ithuba lokuvakaliswa kwezinye zeembono ezifana zodwa kakhulu ezisuka kulutsha.

2. I-*Moot Court* iya kuqhutywa ngokuthi kuthathwe inxaxheba ngokukhutheleyo ziifakhalthi zomthetho zeeyunivesithi ezahlukeneyo, urhulumente (ngokukodwa iSebe loBulungisa noPhuhliso loMgaqo-siseko) (*Department of Justice and Constitutional Development*) (*DOJ&CD*), kunye neSebe leMfundo esiSiseko likazwelonke (*Department of Basic Education*) (*DBE*)), iingcali zomthetho eziqeqeshiweyo, iinkundla namajelo eendaba *(media*). IiYunivesithi, eyasePitoli, eyaseVenda, eyaseKapa neyaseNtshona Koloni ziya kulungiselela abafundi olu khuphiswano.

3. Ulwimi oluya kusetyenziswa lwesi siganeko luya kuba sisiNgesi kodwa abathathi-nxaxheba baya kuvunyelwa ukuba basebenzise naluphi olunye ulwimi kwiilwimi zaseburhulumenteni eMzantsi Afrika kumjikelo wokugqibela.

4. Kucelwa zonke izikolo eziziisekondari eMzantsi Afrika zingenele olu khuphiswano. Ngamaqela amane angawona maninzi kwisikolo ngasinye anokubhalisa. Iqela ngalinye liya kuba nabafundi ababini. Kuya kusetwa ingxaki esenokuba yinyani okanye

ingabi yonyani (okanye "engangqinisiswanga") (*"hypothetical"*) nechaphazela umba womgaqo-siseko (imiba yomgaqo-siseko). Umjikelo wokuqala uya kwenziwa ube yintetho ebhalwe phantsi. Kuya kulindeleka abafundi babhale izincoko ezibini ezifutshane, ezibeka iimbono eziphikisanayo (umenzi-sicelo nalowo unika impendulo) zamacala amabini etyala kusetyenziswa amandla okucenga (*persuasive manner*) nangokusekelwe kumthetho weRiphablikhi yaseMzantsi Afrika.

5. Ukuze kuncediswe onke amaqela abe nethuba elilinganayo kukhuphiswano, izinto zokufunda ngoMgaqo-siseko woMzantsi Afrika ziya kwenziwa ukuba mazifumaneke kwi-intanethi nasezikolweni ngekopi eliphepha xa kuye kwenziwa isicelo soko.

6. Umba wokhuphiswano lwesincoko somlomo kwiphondo uya konganyelwa liSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*). Oku kuya kuqhubeka kwiNkundla ePhakamileyo yaseKapa ngoAgasti 2019. Amaqela amane asuka kumakhuphiswano omjikelo wokugqibela wephondo leNtshona Koloni aya kucelwa emva koko ukuba athathe inxaxheba kwimijikelo kazwelonke yokhuphiswano lwezincoko zomlomo. Baya kuthatha inxaxheba ngokukhuphisana namanye amaphondo asibhozo kwiNkundla yoMgaqo-siseko eJohannesburg. Apha baya kubamba ingxoxo-mpikiswano yokukhuphisana ukukhetha abaphumeleleyo kuzwelonke, abaya kuba bethatha inxaxheba kukhuphiswano i-*International Moot Court Competition* e-*Hague* (e-*Netherlands*).

7. I-*WCED* ngokwenjenje icela zonke izikolo ukuba zithathe inxaxheba kolu khuphiswano lunika umdla. Kucelwa uzalise ezi fom zokubhalisa ziqhotyoshelweyo uze uzithumele ezi zinto kumququzeleli wophuhliso lwezikolo (*school enrichment coordinator*) kwisithili sakho ungadlulanga owe-**31 Meyi 2019** nge-imeyili. Kucelwa uzalise ifom yokubhalisa ezimeleyo ngeqela ngalinye. Fumana kuqhotyoshelwe apha uluhlu lweedilesi ze-imeyili. Ungathumela yonke imibuzo apha Dennis.Pillay@westerncape.gov.za.

8. Izikolo ezibhalisayo ziya kuncediswa ngoomasifundisane (*workshops*) noqeqesho olunikwa ngabo baziingcali (*coaching by experts*) kule nkalo. Kuya kukhutshwa amabhaso aliqela okuwonga abo bathathi-nxaxheba bagqwesileyo ngokubanika inkxaso kunyaka wabo wokuqala wezifundo zomthetho kuyo nayiphi na iyunivesithi elapha eMzantsi Afrika apho bafumene ukwamkelwa khona. Ukufumana ingcaciso engaphezulu nge-*Moot Court Competition* yiya apha www.up.ac.za/law okanye uqhagamshelane nomququzeleli wophuhliso lwezikolo wakho (*your school enrichment coordinator*).

9. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane BONKE ootitshala nabafundi bamaBakala 10 no-11 ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-HA LEWIS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOQUQUZELELO NOPHUHLISO LWAMAZIKO
UMHLA: 2019-03-18

linkcukacha zoqhagamshelwano zamagosa ezithili

Isithili semfundo	linkcukacha zoqhagamshelwano
Metro North	Mnu D Leonard Ifoni: 021 938 3170 Ifeksi: 021 938 3180 I-imeyili: David.Leonard@westerncape.gov.za
Metro Central	Nks S Majiet Ifoni: 021 514 6700 Ifeksi: 021 514 6953 I-imeyili: Shaheeda.Majiet@westerncape.gov.za
Metro South	Mnu R Esau Ifoni: 021 370 2000 Ifeksi: 021 372 1856 Ifeksi: Rowan.Esau@westerncape.gov.za
Metro East	Nks MJ Swartz Ifoni: 021 900 7253 Ifeksi: 021 903 2149 I-imeyili: Mary.Swartz@westerncape.gov.za
West Coast	Nks C Beukes Ifoni: 021 860 1210 Ifeksi: 021 860 1231 I-imeyili: Cathlene.Beukes@westerncape.gov.za
Cape Winelands	Mnu G Jacobsss Ifoni: 023 348 4602 Ifeksi: 023 342 4138 I-imeyili: Ghalid.Jacobs@westerncape.gov.za
Overberg	Mnu K Mike Ifoni: 028 214 7300 Ifeksi: 028 214 7400 I-imeyili: Kobus.Mike@westerncape.gov.za
Eden and Central Karoo	Nks S Stofile Ifoni: 044 803 8300 Ifeksi: 044 873 2253 I-imeyili: Sinovuyo.Stofile@westerncape.gov.za